



## Akukho phambi kwexesha, kungekho mva kwexesha!

Ukuzinika ixesha lokufundela abantwana ngosuku oluxakekileyo, kukubaxhobisela ingomso, nokuba badala kangakanani na. La maxesha olonwabo awabonisi nje kuphela ukuthanda kwakho ukuba kunye nabantwana kwanokubakhathalela, kodwa adala iinkumbulo ezimnandi malunga neencwadi ngokunjalo nokufunda kubo bonke ubomi babo!



## Never too early, never too late!

Making time to read to the children in your life is an investment in their future, no matter how old they are. This time to bond shows children that you enjoy their company and care about them while building lifelong good memories of stories, books and reading!

### Akukho phambi kwexesha!

- Ukhe uzibuze ukuba abantwana bafanele ukuba badala kangakanani xa uqalisa ukubafundela? Mhlawumbi ucinga ukuba ufanele ukulinda bade bakwazi ukuzifundela ngokwabo phambi kokuba wena uqalise. Kodwa ingaba ulinda lude usana luyiqonde into oyithethayo phambi kokuba uthethe nalo? Hayi, kuba oku kungakwenza kube nzima ukufunda ukuthetha! Ngoko ke, musa ukulinda ukuba abantwana bade bakwazi ukuzifundela ngokwabo phambi kokuba ubafunde rhoqo.
- Ukubonisa iintsana iincwadi ezinemifanekiso, iivesi zabantwana namabali abalisa ngabantwana, kubafundisa isigama nolwimi – kuze kwenze ukuba iingqondo zabo zicinge! Kukwayindlela engumgangaliso yokuphumla nokuthi nca elusaneni.
- Ngokuya usithi chatha ukufundela iintsana ngokuvakalayo nokuthetha nazo, aya ngokwanda amagama abawevayo. Kungekudala uya kuziva seziwasebenzisa la magama ngokwazo!
- Ukufundela iintsana kuzanceda ngokuthi ziqonde ukuba okushicilelweyo kunentsingiselo kwaye kuzifundisa indlela esivabalisa ngayo amabali.
- Okubaluleke kakhulu, xa abantu abadala bezifundela rhoqo iintsana nabantwana abancinane, aba bantu batsha bakhula bekubona ukufunda njengolonwabo nanjengento efanele ukwenziwa. Ngoko ke, kungalindeleka ngakumbi ukuba bakhethe ukufunda ngexesha labo lokungenzi nto xa sebethe dlandlu.

### It's never too early!

- Would you wait until a baby understands what you are saying before you talk to him or her? You also needn't wait for children to be able to read by themselves before you regularly read to them. Babies and toddlers are comforted by the sound of their caregivers' voices.
- Sharing books with pictures, rhymes and stories with babies teaches them words and language. It's also a wonderful way to bond with a baby, and pretty soon these words start to make sense.
- The more you read aloud and talk to babies, the more words they hear. Very soon, you'll hear them using these words themselves! This is called building a vocabulary.
- Reading to babies helps them understand that print has meaning and teaches them how we tell stories.
- Most importantly, when adults regularly read to babies and young children, they grow up seeing reading as fun and worthwhile. So, they are more likely to choose reading as an activity in their free time when they are older.

### Akukho semva kwexesha!

- Ingaba kusemva kwexesha na ukuba kuqaliswa ukufundela abantwana xa sebengenile kwibanga eliphambi kwelokuba esikolweni okanye xa sebesesikolweni? Njengoko kungekho phambi kwexesha ukuqalisa, ngokunjalo akukho semva kwexesha ukuqalisa! Abantwana abakuwo onke amabanga obudala banento abayizuzayo xa kukho umntu obafundela rhoqo.
- Ufanele ukuyeka nini ukufundela abantwana? Naxa sebekwazi abantwana ukuzifundela ngokwabo, unakho ukubancedisa ukuze bafunde phucukileyo ngokuthi nizifunde kunye iincwadi ezithande ukubanzimela ukuba bazifunde ngokwabo.

### It's never too late!

- Just like it is never too early to start, it is also never too late to start! Children of all ages benefit from having someone read to them regularly. Being able to sit still and read, or be read to, is an essential skill your child will need to succeed at school and throughout his or her life.
- Even once children have learnt to read, you can read books together that are too complicated for them to read on their own. Reading together as a family can make children feel safe and loved.

### UBUSAZI NA?

- Ngokuya befunda ngokuthe kratya abantwana
  - ♥ kuya ngokuphucuka ukufunda kwabo, ngokunjalo,
  - ♥ naxa lusiya ngokwanda ulonwabo abalufumana kuko, ngoko ke
  - ♥ kungalindeleka ukuba bakhethe ukufunda.

Ingaba udinga ingcebiso malunga nokufundela abantwana ngokuvakalayo? Unakho ukufumana izimvo ezininzi nokhokelo kwizikhokelo zethu ze "Guides and Tips" kweli candelo lithi "Training" lewebhusayithi kaNalibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

### DID YOU KNOW?

The more children read

- ♥ the better they become at reading,
- ♥ the more pleasure they get from it, and
- ♥ the more likely they are to choose to read.

You can find many ideas and guidance in "Guides and Tips" in the "Training" section of our website, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.





# Imbewu yokuFunda nokuBhala!

Izinto ongazenza ezikhuthaza uthekelelo

## Literacy Seeds!

Activities that spark imagination



Bazali nabagcini babantwana ababekekileyo, kuShicilelo 197, siye saquka inkcazelo namacebiso athile ngendlela yokwabelana neentsana nabantwana benu abancinane ngezicengcelezo, amabali nemidlalo. Kolu shicilelo, siza kujonga ukubaluleka kokubabalisela nokubafundela amabali nokubakhuthaza ukuba bafunde kwaye babhale, nokuba bayazenzisa!

Dear parents and caregivers of young children, in Edition 197, we included some information and tips about sharing rhymes, stories and games with your babies and young children. In this edition, we will look at the importance of telling and reading them stories and encouraging them to read and write, even if they only pretend!



### Amabali nokudlala ngumtya nethunga

Abantwana bayakuthanda ukushukumisa imizimba yabo, ukuzibandakanya nezinto ezibangqongileyo, ukucula iingoma, ukudlala imidlalo, ukwenza izicengcelezo, ukumamela nokubalisa amabali, ukuzoba nokuzenza ngathi bayafunda kwaye bayabhala. Chitha ixesha elininzi kangangoko unako udlala nabantwana bakho, uze ubanike ixesha nesithuba sokudlala bodwa okanye nabanye abantwana. Loo nto iza kubenza bazive bonwabile ize ibancede bazixabise ngendlela efanelekileyo. Nazi ezinye izinto ongazenza ukuze uncede abantwana bakho:

- ♥ Yenza ixesha elaneleyo lokuba nabo yonke imihla nokuba ngaba lincinci ixesha ongenzi nto ngalo.
- ♥ Dlala nabo eyona midlalo bayithandayo.
- ♥ Babuze imibuzo ngosuku lwabo nokuba ikhona na into ebaxhalabisayo.
- ♥ Abantwana badla ngokungakwazi ukuzikhupha ngokupheleleyo ngamazwi izimvo zabo, ngoko kubalulekile ukubamamela kakuhle.
- ♥ Baxebele ukuba uyabathanda kwaye uyakuthanda ukuchiitha ixesha nabo. Le yeyona ndlela isebenzayo yokubona kusengaphambili ukuba baza kuphumelela kwaye bonwabe.<sup>1</sup>

Imidlalo emininzi ungayisekela kumabali owabalisela okanye owafundela abantwana bakho. Zamani ukuqamba ibali kunye. Amabali enu kumele:

- ⚙ abalise ngemiba ayithandayo umntwana wakho. Ukuba umntwana wakho uthanda ibhola ekhatywayo, fumana okanye balisa ibali elithetha ngelona qela okanye umdlali amithandayo webhola ekhatywayo.
- ⚙ abantu enithetha ngabo babangele umdla kwaye benze okanye bathethe izinto ezihlekisayo!
- ⚙ abe namagama aphindaphindwayo.
- ⚙ kube lula ukuba umntwana wakho awakhumbule.

Wakuba ulifundile okanye ulibalisile ibali kubantwana bakho, qamba imidlalo esekelwe kwelo bali. Abantwana bona:

- \* bangazama ukuzoba abantu ekuthethwa ngabo kwelo bali.
- \* bangasebenzisa izinto zemihla ngemihla xa belinganisa elo bali, njengebhokisi zezihlangu ezingenanto ukuze benze izindlu namaqhosha amadala ukuze benze amehlo!
- \* banganxiba ngathi ngabantu ekuthethwa ngabo kwelo bali.
- \* bangaqamba iingoma ngelo bali.

### Stories and play go together

Children love to move their bodies, interact with the things around them, sing songs, play games, say rhymes, listen to and tell stories, draw and pretend to read and write. Spend as much time as you can playing with your children, and give them the time and space to play alone and/or with other children. This will make them feel happy and help them develop healthy self-esteem. Here are some things you can do to help your children:

- ♥ Make as much time for them as you can every day even though your free time is limited.
- ♥ Play their favourite games with them.
- ♥ Ask them questions about their day and whether there is anything that worries them.
- ♥ Children often cannot express themselves fully with words, so it's important to really listen to them.
- ♥ Tell them that you love them and enjoy spending time with them. It is one of the best predictors of future success and happiness.<sup>1</sup>

You can base many play activities on stories that you tell or read to your children. Try making up a story together. Your stories should:

- ⚙ be about subjects that your child enjoys. If your child loves soccer, find or tell a story about their favourite soccer team or player.
- ⚙ have interesting characters that do or say funny things!
- ⚙ have some repetition of words.
- ⚙ be easy for your child to remember.

Once you have read or told a story to your children, make up play activities based on the story. Children could:

- \* try to draw characters from the story.
- \* use everyday things around them when they act out the story, like empty shoeboxes to make houses and old buttons to make eyes!
- \* dress up as story characters.
- \* make up songs about the story.



<sup>1</sup> Incwadi kaMunshi J. George E. Vaillant ethi 'Triumphs of Experience: The Men of the Harvard Grant Study.' I-NHRD Network Journal. Epapashwe kwi-intanethi ngo-Oktobha 2016:102-105. doi:10.1177/0974173920160419



Drive your imagination



## Indlela yokusebenzisa ibali elithi *Masibe ngabahlobo!*

Ezantsi kwiphepha lesi-4, uza kufumana imiyalelo yendlela yokusonga uze ukhuphe ibali elithi, *Masibe ngabahlobo!* elikwiphepha lesi-5 ukuya kwelesi-8, ele-11 nele-12. Wakuba uyenzile le ncwadana incinci, ungayisebenzisa ngezi ndlela zilandelayo:

1. Mema – ungaze ubanyanzele – abantwana bakho ukuba bafunde nawe.
2. Fumana indawo ethe cwaka neningafunda nikhululekile kuyo. Cima umathotholo, uMabonwakude neselula.
3. Hlalani nisondelelane okanye umsingathe umntwana wakho.
4. Qalani ngokujonga nize nithethe ngekhava engaphambili yale ncwadi. Funda umxholo webali negama lombhali nelomzobi wemifanekiso.
5. Jongani imifanekiso ekwiphepha ngalinye. Khuthaza umntwana wakho ukuba anukise, abambe okanye achukumise amaphepha.
6. Lenze liphile eli bali! Sebenzisa amazwi ahlukeneyo kumntu ngamnye osebalini. Kwibali elithi *Masibe ngabahlobo!*, sebenzisa ilizwi elingqokolayo okanye elirhwexayo xa kuthetha ukrebe.
7. Buza, “*Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni ngoku?*” xa ukrebe ebulisa izidalwa ezahlukeneyo elwandle. Umbuzo ololu hlobo uza kunceda ekuxhokoxeni uthekelelo lomntwana wakho.
8. Ncokolani ngeli bali. Zenza ntoni ezinye izidalwa xa zibona ukrebe? Kutheni zaye zenza loo nto? Ngaba kusoloko kulula ukwenza abahlobo?
9. Chaza into oyithandayo ngemifanekiso. Buza abantwana bakho ukuba yintoni bona abayithandayo kulo mifanekiso.
10. Eyona nto ibalulekileyo, konwabele ukufunda le ncwadi, kwaye zama ngalo lonke ixesha ukwenza ukufunda kube yinto emnandi!
11. Yiphindaphinde le nto kangangoko kunokwenzeka uze ubandakanye yonke intsapho.



## How to use the story *Let's be friends!*

At the bottom of page 4, you will find instructions on how to fold and cut out the story, *Let's be friends!*, on pages 5-8, 11 and 12.

Once you have made the little book, you can use it in the following ways:

1. Invite – never force – your child to read with you.
2. Find somewhere quiet and comfortable to read. Turn off the radio, TV and cell phone.
3. Sit close together or with your child on your lap.
4. Start by looking at and talking about the book's front cover. Read the story's title and the names of the author and illustrator.
5. Look at the pictures on each page. Encourage your child to smell, hold or touch the pages.
6. Make the story come alive! Use different voices for different characters. In *Let's be friends!* use a deep or rough voice for the shark.
7. Ask, “*What do you think is going to happen next?*” when the shark says hello to the different creatures in the sea. This kind of question will help to stimulate your child's imagination.
8. Talk to each other about the story. What did the other creatures do when they saw the shark? Why did they do this? Is it always easy to make friends?
9. Say what you like about the illustrations. Ask your children what they like about the illustrations.
10. Most of all, enjoy sharing the book, and always try your best to make reading fun!
11. Repeat this routine as often as possible and get the whole family to join in.

## Amacebiso ezinto eningazenza kwibali elithi *Masibe ngabahlobo!*


Imini yonke (kwanaxa nisenza imisebenzi yekhaya!), ningenza izinto ezimnandi nabantwana bakho:

- \* Culani ingoma ethetha ngokwenza okanye ngokuba ngabahlobo.
- \* Yenzani ngathi ningookrebe abadada elwandle.
- \* Jonga abantwana bakho uze uthi, “*Molo! Molo! Masibe ngabahlobo!*” nanini na ufuna. Loo nto iza kubahlekisa!
- \* Khuthaza abantwana bakho bazame ukuzoba ezinye zezidalwa zaselwandle.
- \* Cela abantwana bakho babalise amabali athetha ngookrebe, abahlobo okanye nantoni na ebangela umdla kubo.
- \* Phindani niman' ukulifunda ibali elithi *Masibe ngabahlobo!* Khuthaza abantwana bakho ukuba bathi *Masibe ngabahlobo!* kwindawo efanelekileyo ebalini.

## Activity ideas for *Let's be friends!*

Throughout the day (even when you are doing chores!), you can do fun activities with your children:

- \* Sing a song about making or being friends.
- \* Pretend to be sharks swimming in the sea.
- \* Look at your children and say, “*Hello! Hi! Let's be friends!*” whenever you feel like it. This will make them laugh!
- \* Encourage your children to try drawing some of the sea creatures.
- \* Invite your children to tell stories about sharks, friends or anything that interests them.
- \* Read *Let's be friends!* again and again. Encourage your children to say *Let's be friends!* at the correct place in the story.







### Nal'ibali othandekayo

Lindivuyisa ngokwenene eli candelo litsha le-ECD elikwiphepha lesi-2 nelesi-3! Yile nto kanye ndiyidingayo ukuze ndigcine intwazana yam eneminyaka emi-4 ixakekile kwaye yonwabile ebudeni bemini. Bendingazi ukuba izicengcelezo nemidlalo ibaluleke kangaka ukuze aphuhlise ubuchule bolwimi. Enkosi, Nal'ibali, ngeengebiso zakho ezimangalisayo!

Ozithobileyo

Xolisile Mvubu, Isipingo



### Xolisile othandekayo

Kusivuyisa kakhulu ukuva ukuba icandelo lethu elitsha le-ECD likunceda kangaka. Ukuthetha nokudlala nomntwana wakho kuphuhlisa ubuchule bakhe bolwimi nothekelelo – kwaye kuqinisa ubuhlobo phakathi kwakho naye. Yonwabela iingoma, izicengcelezo nemidlalo kunye nabantwana bakho!

Iqela LakwaNal'ibali

## Nal'ibali othandekayo ... Dear Nal'ibali ...

**SIBHALELE!**

**WRITE TO US!**

The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
2 Dingle Avenue  
Kenilworth  
Cape Town  
7708  
Western Cape  
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)



### Nal'ibali othandekayo

Andiyazi indlela endingenza ngayo intwazana yam eneminyaka elithoba ubudala ikuthande ukufunda. Uyasokola ukufunda esikolweni, ibe ngenxa yoko akafuni kufunda xa esekhaya.

Cornell Williams, eGoodwood

### Cornell othandekayo

Xa kunzima ukufunda ebantwaneni, ambalwa amathuba okuba bafunde ngexesha abangenzi nto ngalo. Zama ukufumana iindlela zokuba kube mnandi kwintwazana yakho ukufunda iincwadi namabali kungadanga kwafuneka afunde yedwa. Ngokomzekelo, fumana incwadi engenamagama angayifunda. Makamamele amabali. (Ungawafumana amabali arekhodiweyo kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Bukelani kunye imuvi esekelwe encwadini uze ucebise ukuba nifunde loo ncwadi kunye emva koko. Siqinisekile ukuba loo nto iza kumenza athi swii ziincwadi kungabanga xesha lide.

Iqela LakwaNal'ibali

### Dear Nal'ibali

I am so excited by the new ECD section on pages 2 and 3! It is just what I need to keep my four-year-old daughter busy and happy during the day. I did not know that rhymes and games were so important for her language development. Thank you, Nal'ibali, for your amazing advice!

Kind regards

Xolisile Mvubu, Isipingo

### Dear Xolisile

We are very happy to hear that our new ECD section is so helpful to you. Talking to and playing with your child helps to develop their language skills and imagination – and strengthens the bond between you. Enjoy songs, rhymes and games with your little ones!

The Nal'ibali Team



### Dear Nal'ibali

I don't know how to get my nine-year-old daughter to read for pleasure. She struggles with reading at school and so she doesn't want to read at home.

Cornell Williams, Goodwood

### Dear Cornell

When reading is difficult for children, they are less likely to read in their spare time. Try to find ways for your daughter to experience the joy of books and stories without having to read on her own. For example, find wordless picture books for her. Let her listen to stories. (You can find audio stories on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Watch a movie based on a book together and then suggest reading the book together. We're sure that she'll get hooked on books in no time.

The Nal'ibali Team



### Yandisa ithala lakho leencwadi.


### Zenzele iincwadi **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

#### UOnalenna nomthi omkhulu womkhoba

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

#### Masibe ngabahlobo!

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, esesi-6, esesi-7, esesi-8, ele-11, nele-12.
2. Gcina iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukuze wohlule amaphepha.



### Grow your own library.

### Create **TWO** cut-out-and-keep books

#### Onalenna and the giant yellowwood

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Let's be friends!

1. To make this book, use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Drive your  
imagination





Oh my.  
Hay'lonq.

Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)



### Get story active!


- ★ Make a *Let's be friends!* badge in the shape of a shark.
- 1. Draw a shark on a piece of paper. Colour in your picture with pencil crayons or kokis.
- 2. Cut out the shark shape with a pair of scissors.
- 3. Use glue to paste the shark drawing onto a thin piece of cardboard, for example, a cereal box.
- 4. Cut the cardboard around the shark shape.
- 5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
- 6. Enjoy wearing your badge anywhere and any time you want to make friends!

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Yenza ibheji kaMasibe ngabahlobo! emile oku kukakrebe.
- 1. Zoba ukrebe kwisiqwengana sephepha. Wufakele imibala umfanekiso wakho ngeekhrayoni zepensile nangeekhoki.
- 2. Sika uze ukhuphe umfanekiso omile oku kukakrebe ngesikere.
- 3. Sebenzisa iglu ukuze uncamathele umzobo kakrebe kwisiqwengana esingekho deki sekhadibhodi, ngokonzekelo, esebhokisi ye-cereal.
- 4. Msike umkhuphe ukrebe.
- 5. Sebenzisa iteyipu encamatheleyo okanye i-masking tape ukuze uncamathele unotaka wokuqhobosha kumva webheji. Okanye yenza umngxuma phezulu uze ufake ivulu okanye intanjana kuwo ukuze ukwazi ukuyinxiba entanyeni yakho.
- 6. Konwabele ukunxiba ibheji yakho naphi na kwaye nanini na ufuna ukwenza abahlobo!



Let's be friends!



Masibe ngabahlobo!

Emma Bosman • Murray Hunter • Wilna Combrinck

**Ideas to talk about:** Is it easy to make friends? What do you think? Have you made any friends before? What can someone do to make new friends? Is it normal for some people not to want to be your friend? Why?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ngaba kulula ukwenza abahlobo? Ucinga ntoni? Ukhe wabenza wena abahlobo ngaphambili? Umntu angenza ntoni ukuze enze abahlobo abatsha? Ngaba kuqhelekile ukuba abanye abantu bangafuni ukuba ngumhlobo wakho? Ngoba?

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela [ku-www.nalibali.org](http://ku-www.nalibali.org)



Drive your imagination






LET'S BE FRIENDS!  
MASIBE NGABAHLOBO!



Hello! Hi!  
Are you a fish?  
So am I!  
Molo! Molo!  
Uyintlanzi?  
Nam ndiyigoi!



It's time to make  
some friends!

Ngoku lixsha  
lokwenza abahlobo!



MASIBE NGABAHLOBO!





LET'S BE FRIENDS!  
MASIBE NGABAHLOBO!



Hello! Hi!  
Do you like seashells?  
So do I!  
Molo! Molo!  
Uyabathanda oonokweca?  
Nam ndiyabathanda!




LET'S BE FRIENDS!



Making friends can be hard.  
But let's try!  
Kusenokuba nzima ukwenza  
abahlobo.  
Kodwa masizame!




Oh dear,  
Hay' bo.



Hello! Hi!  
Molo! Molo!







It was in the beautiful Kynsna-Amatole forest that Onalemma and her father carved themselves a new home. One morning, Onalemma decided to go for a walk in the Kynsna forest her mother had always told her about – the rocky pools she swam in, the giant yellowwood trees that reached to the heavens, and the dozens of little creatures that delighted her soul. Onalemma arrived at a gigantic yellowwood tree not too far from their new home, and decided to rest a while. As she dozed off, leaning back against the tree, wafts of her mother's lullaby drifted towards her, soft and quiet:

*Thula thula-  
Thula mntwana, thula sana,  
Thul' umam' njobuya ekuseni.*

*Thula thula-  
Thula mntwana, thula sana,  
Thul' umam' njobuya ekuseni.*

# Onalenna and the giant yellowwood



# UOnalenna nomthi omkhulu womkhoba

Rujeko Moyo • Neil Badenhorst

**Ideas to talk about:** Onalenna's mother died when she was very young. Have you lost someone you love? What is your special memory of that person?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** UOnalenna waswelekelwa ngumama esemncinci kakhulu. Ngaba nawe ukhe waswelekelwa ngumntu omthandayo? Yintoni oyikhumbula ngokukhethekileyo ngaloo mntu?



Kwaku kwikwihlati ehlile laseKnyana-Amatole apho uOnalema notata wakhe bathi bazakhele khona ikhaya elitsha. Ngenye intseni, uOnalema wathatha isigqibo sokuba ayokuhlambdhamba kwihlati laseKnyana umama wakhe awayethanda ukumbalisela ngalo — amadama amanatywe awayequbha kwazi, imithi emikhulu yomkhoba eyayithce' izulu, kunye nenqwaba yezidalwana ezaziwonwabisa umphetumlo wakhe. UOnalema wabika kumthi omkhulu kakhulu womkhoba owawungekho kude kakhulu kwikhaya lakhe elitsha, waze wathatha isigqibo sokuba aphaumle okomzuzwana. Njengokuba wayesozela nje, oyame ngalo mthi, weva usebesede wengoma yosana usiza ngakuye ngelizwi elipholileyo nelizolileyo likamama wakhe:

This story is an adapted version of **Onalenna and the giant yellowwood**, published by Cadbury in partnership with Na!bali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles, go to <https://cadbury.one/library.html>.

Eli bali luhlelo olutshintshiweyo lwebali elithi **UOnalenna nomthi omkhulu womkhoba** elipapashwe nguCadbury esebenzisana noNa'ibali kwiphulo leCadbury Dairy Milk #nOurOwnWords. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezisemthethweni ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze wazi ngakumbi ngemixholo yephulo leCadbury Dairy Milk #nOurOwnWords, viva kwiwebhusayithi ethi <https://cadbury.one/library.html>.

## Get story active!

- ★ Sing the lullaby in the story, or sing a lullaby you know.
- ★ Be a word detective! Find words in the story that tell you the following:
  - ☆ The yellowwood trees were very big.
  - ☆ The little creatures in the forest made Onalenna very happy.
- ★ Onalenna missed her mother very much. Imagine that you are Onalenna. Write a letter to Onalenna's mother about living in the Knysna forest.
- ★ Look in old magazines for pictures of the animals of the Knysna forest, or draw your own pictures. Cut out the animals. Draw a forest on a big sheet of paper. Paste your animal cut-outs on the picture of the forest.

## Yenza ibali linike umdla!

- ★ Cula le ngoma yosana isebalini, okanye uculu ingoma yosana oyaziyo.
- ★ Yiba ngumcuphi wamagama! Fumana amagama ebalini akuxelela ezi zinto zilandelayo:
  - ☆ Imithi yomkhoba yayimikhulu kakhulu.
  - ☆ Izidalwa ezincinane zehlathi zamenza wonwaba kakhulu uOnalenna.
- ★ UOnalenna wayemkhumbula kakhulu umama wakhe. Masithi unguOnalenna. Bhala ileta ubhalele umama kaOnalenna umchazele ngokuhlala kwihlathi laseKnysna.
- ★ Khangela imifanekiso yezilwanyana zehlathi laseKnysna kwiimagazini ezindala, okanye uzobe imifanekiso yakho. Zisike uzikhuphe ezo zilwanyana. Zoba ihlathi kwiphepha elikhulu. Ncamathelisa ezo zilwanyana uzisikileyo wazikhupha kumfanekiso wehlathi.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)




UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela [ku-www.nalibali.org](http://ku-www.nalibali.org)




**Drive your imagination**





UOnalenna wayekuphela komtwana, ethandwa  
kwaye exatyisive kakhulu ngutata nomama wakhe.  
Wayeyithanda kakhulu ingoma awayeyiculelwa  
ngumama wakhe qho emlisa:  
*Thula tu-,  
Thula sana, thula mntwana.  
Thul' umam' uzobuya ekuseni.  
Thula tu-,  
Thula mntwana, thula sana,  
Thul' umam' uzobuya ekuseni.*  
Kodwa ngenye imini umama kaOnalenna  
wagula, waze wathi uOnalenna eseyintombazana,  
wasweleka. UOnalenna wayeka ukucula.  
Utata kaOnalenna wathatha isigqibo sokuba  
bafudukela kwindawo ekufutshane nalapho umama  
wakhe wakhulela khona.



Onalenna was an only child, dearly loved and  
treasured by her father and mother.  
She especially loved the lullaby her mother sang  
to her every time she rocked her to sleep:  
*Thula thu-, (Quiet, shhh)  
Thula sana, thula mntwana, (Quiet child, hush my baby)  
Thul' umam' uzobuya ekuseni.  
(Quiet, mother will come in the morning)  
Thula thu-,  
Thula mntwana, thula sana,  
Thul' umam' uzobuya ekuseni.*

But one day Onalenna's mother became sick,  
and when Onalenna was just a little girl, her  
mother passed away. Onalenna stopped singing.  
Onalenna's father decided to move them closer  
to where her mother was raised.




She awoke enveloped in the  
aura of her mother's embrace and  
returned home with a smiling heart.  
Onalenna began visiting the tree  
every day.  
But she began to ask her father:  
"How was your day, Papa?" And  
she would tell him all about her day.  
One day, a beautiful, melodious  
sound greeted Onalenna's father as  
he approached home.  
It was Onalenna singing.



Wavuka esagubungelwe ngumoya  
wobushushu bokwangiwa ngumama  
wakhe waze wagoduka nentliziyo ezele  
luncumo.  
UOnalenna waqalisa ukumana  
endwendwela lo mthi imihla ngemihla.  
Kodwa uye waqalisa ukubuza utata  
wakhe: "Belunjani usuku lwakho, Tata?"  
Aze amxelele konke ngosuku lwakhe.  
Ngenye imini, utata kaOnalenna wathi  
xa esondela ekhaya wabuliswa sisandi  
esimnandi nesiluncuthu.  
YayinguOnalenna, wayecula.






Oh my.  
Hay' ke ngoku.




Do you like to  
swim? So do I!

Uyakuthanda ukudada?  
Nam ndiyakuthanda!







LET'S BE FRIENDS!  
MASIBE NGABAHLOBO!



NOBODY wants to be my  
friend.  
AKAKHO umntu ofuna  
ukuba ngumhlobo wam.

Knock,  
knock.  
Nkqo-nkqo,





# Ndingumfundi!

# I am a reader!

Contact us in any of these ways:

Qhagamshelana nathi nangayiphi na kwezi ndlela zilandelayo:

 [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

 [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

 [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

 [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)







## Izacholo zobuhlobo



Libhalwe nguZahida Wahab ■ Imizobo izotywe nguChantelle noBürgen Thorne

UPalesa noGracie babengabahlobo abasenyongweni ukususela beseneminyaka emithathu ubudala. Babengabamelwane, ibe noomama babo babengabahlobo. Babeshiyana ngenyanga ekuzalweni ibe bakhuliswa ngathi ziintombi zomntu omnye. Yonke into babeyenza kunye. Bafunda kwisikolo esinye ibe babesoloko bephela besiba kunye naseklasini!



Kuthe ngenye imini, xa la mantombazana ayesele ebuqabuka, kwenzeka into eyabenza bakhathazeka kakhulu. UGracie wafika kwikhaya likaPalesa elila.

"Kwenzeke ntoni?" uPalesa wambuza, exhalabile ngumhlobo wakhe.

"Utata ufumene umsebenzi kwesinye isixeko, ibe kufuneka intsapho yasekhaya ifuduke," watsho uGracie zisehla iinyembezi.

La mantombazana alila kakhulu omabini. "Mama, uGracie akanakukwazi ukuhlala nathi torho?" watsho uPalesa ecenga unina.

"Mama, uPalesa akanakuhamba nathi torho?" uGracie wamcenga esitsho unina. Kodwa, ngelishwa, yayingenakukwazi ukwenzeka le nto kuba nganye kula mantombazana kwakufuneka ihlale nentsapho yayo.

Ngosuku olungaphambi kokuba intsapho yakuloGracie induluke, uPalesa wacinga ngesipho esikhethekileyo awayengasipha umhlobo wakhe. Yayisisacholo esinezihombiso awayesiphiwe ngumakhulu wakhe kwiminyaka ethile edluleyo. Umama owayethengisele umakhulu wakhe eso sacholo wayethe zimbini kuphela ezolo hlobo awayezenzile. Esinye isacholo sasinesihombiso esililanga, saza esinye saba nesihombiso esiyinyanga.

Umakhulu kaPalesa wayemkhethele ilanga uPalesa.

"Ukukukhanya ebomini bethu," watsho xa wayenika uPalesa eso sacholo. Xa umakhulu kaPalesa waswelekayo, uPalesa wayesoloko eluva uthando lukamakhulu wakhe xa enxibe

eso sacholo. Sasikhetheke ngokwenene kuye.

"Ndifuna ukupha uGracie esi sacholo," watsho uPalesa ethetha yedwa esebeza. "Siza kumkhumbuza ukuba mna naye siza kuhlala singabahlobo abasenyongweni."

UGracie wafudukela kwisikolo sakhe esitsha, kodwa wayemkhumbula kakhulu umhlobo wakhe. La mantombazana mabini ayebhalelana qho xa efumana ithuba.

Ngenye imini, uPalesa wafumana ipasile eposini. Yayivela kuGracie. "Kazi yintoni le ingaphakathi," watsho uPalesa xa unina emnika yona.

"Yivule!" watsho uMama encumile.

Into eyothusa uPalesa kukuba kulo pasile wafumana isacholo esifana neso wayesinike uGracie. "Kutheni uGracie esibuyisile nje isacholo sam?" wabuza uPalesa, enexhala kwaye ebudana.

Kodwa xa uPalesa eqwalasela esi sacholo, wabona ukuba esi sona sasinesihombiso senyanga. "Sesiya sacholo uMakhulu wayendixelele ngaso esi!" watsho uPalesa etsho ngolumbhoxo lona uncumo. Emva koko wafumana nesibhiliwana esivela kuGracie. UGracie wayebhale wathi: *Ndifumene esi sacholo kwikhaya lethu elitsha. Ndizamile ukusibuyisela kumniniso, kodwa uthe mandisithathe uyandipha sona. Ndikuthumelela sona ukuze ndikukhumbuze ukuba mna nawe siya kuhlala singabahlobo abasenyongweni.*

"Ngumnqa wokwenene lo," watsho uPalesa, njengoko wayenxiba eso sacholo.



UPalesa wayesazi ukuba olo luphawu lokuba abo bahlobo babini babeza kusoloko bengabahlobo, nokuba sebeqeelene kangakanani. Babenjengelanga nenyanga, ngamnye evelisa ukukhanya ngendlela yakhe eyahlukileyo.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Unaye wena umhlobo osenyongweni? Yintoni oyithandayo ngomhlobo wakho osenyongweni?
- ★ Zoba umfanekiso wakho nomhlobo wakho osenyongweni nisenza eyona nto niithanda ukuyenza.

- ★ Kwakhona ungabhala uze uhombise ileta echaza indlela omxabisa ngayo umhlobo wakho osenyongweni. Ileta yakho ungayiqala ngokuthi, "Jabu othandekayo, enkosi ngokuba ngumhlobo wam. Ndiyakuxabisa kuba ..."



Drive your  
imagination





# The friendship bracelets

By Zahida Wahab ■ Illustrations by Chantelle and Burgen Thorne



Palesa and Gracie had been best friends since they were three years old. They lived next door to each other, and their mothers were friends too. They were born a month apart and were raised like sisters. They did everything together. They went to the same school and always ended up in the same class!



Then one day, when the girls were a bit older, something happened that made them very sad. Gracie arrived at Palesa's house in tears.

"What's wrong?" Palesa asked, very worried about her friend.

"My dad got a job in another city, and my family has to move," Gracie said through her tears.

The two girls cried their hearts out. "Mama, can Gracie please stay with us?" Palesa begged her mom.

"Mama, can Palesa please go with us?" Gracie begged her mom. But, sadly, this was not possible because the girls each had to stay with their own family.

The day before Gracie's family left, Palesa thought of a special gift for her friend. It was the charm bracelet her grandmother had given her years ago. The woman who had sold the bracelet to her grandmother had said that she had made only two of this kind. One bracelet had a sun charm, and the other one had a moon charm.

Palesa's grandmother had chosen the sun for Palesa. "You are the light of our lives," she had said when she gave Palesa the bracelet. When Palesa's grandmother passed away, Palesa always felt her grandmother's love when she wore the bracelet. It was very special to her.

"I want Gracie to have this bracelet," Palesa whispered to herself. "It will remind her that we will always be best friends."

Gracie moved to her new school, but she missed her friend very much. The two girls wrote to each other every chance they got.

One day, Palesa received a package in the mail. It was from Gracie. "I wonder what's inside," Palesa said as her mom handed it to her.

"Open it!" Mama smiled.

To Palesa's surprise, she found a bracelet just like the one she had given Gracie inside the package. "Why did Gracie send my bracelet back?" Palesa asked, feeling worried and a bit sad.

But when Palesa looked at the bracelet more carefully, she saw that this one had a moon charm. "This is the other bracelet Granny told me about!" Palesa said with a big smile. Then she also found a note from Gracie. Gracie wrote: *I found this bracelet in our new home. I tried to return it to the owner, but she said I could have it as a gift. I am sending it to you to remind you that we will always be best friends.*

"What a magical coincidence," Palesa said, as she put on the bracelet.



Palesa knew it was a sign that the two friends would always stay friends, no matter how far away they lived from each other. They were like the sun and moon, each giving light in its own unique way.

## Get story active!

- ★ Do you have a best friend? What do you like about your best friend?
- ★ Draw a picture of you and your best friend doing your favourite activity.

- ★ Write and decorate a letter saying how much you appreciate your best friend. You can start your letter by saying, "Dear Jabu, thank you for being my friend. I appreciate you because ..."



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



1.

UBella nonina kufuneka baye kuHope noAfrika. Ungabanceda?

Bella and her mom need to get to Hope and Afrika. Can you help them?



2.



UMbali ngudadeboNeo, ibe uneminyaka emibini ubudala. Uyazithanda iincwadi ezinezicengelezo, kodwa uthanda nokuzenza ngathi ufunda iincwadi zikaNeo. Udla ngokufundela unodoli wakhe oyibhere nenja kaBella, uNoodle. Ucinga ukuba uthini umxholo wencwadi efundwa nguMbali kulo mfanekiso? Bhala into ocinga ukuba uyayithetha kwiqamza lamazwi athethwayo, emva koko uzobe umfanekiso okanye ubhale into kwiqamza elibonisa into ecingwayo ukuze ubonise into ecingwa ngunodoli wakhe oyibhere.

Mbali is Neo's sister, and she is two years old. She loves books with rhymes in them, but she also enjoys pretending to read Neo's books. She often reads to her teddy bear and to Bella's dog, Noodle. What do you think the title of the book is that Mbali is reading in the picture? Write what you think she's saying in the speech bubble, and then draw a picture or write something in the thought bubble to show what her teddy bear is thinking.

3.

Ngaba ungakwazi ukubhaqa izinto ezisi-8 eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?

Can you spot 8 differences between these two pictures?



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://www.tiktok.com/@nalibaliSA)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI  
EYETHU

POLOKWANE  
OBSERVER



Drive your imagination

